



Inombolo yefayili: 18/5/5  
Isalathiso: 20240213-1641

INGcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0006/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakumaBhunga oLawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwecandelo 21

**Isihloko: Kukhunjuzwa izikolo ezingekho phantsi kwecandelo 21 ukuba zizalise ifom yezabelo zazo ekwikhompyutha i-WCED 032 form kwi-CEMIS ukususela ngowe-01 ukuya kowe-10 Apreli 2024**

1. Le ngcaciso mayifundwe kunye neSetyhula 0020/2023, yomhla we-01 Agasti 2023.
2. Kwakuba kufunyenwe isabelo sebhajethi sokugqibela kwi-CEMIS ngowe-31 Matshi 2024, izikolo ezingekho phantsi kwecandelo 21, kufuneka zisahlule isabelo semimiselo nemigangatho (N&S) sazo esikhoyo sango-2024/25 ngokweendidi ezahlukeneyo zenkcitho-mali.
3. Ifom ekwikhompyutha i-WCED 032 form sele ifakwe iinkcukacha (*pre-populated*) kwi-CEMIS ukwenzela ukuba isetyenziswe lula zizikolo yaye inako ukufumaneka kwithebhu (*tab*): "*Administration*", "*School financial transaction*".
4. Kucetyiswa iinqununu ukuba zifumane ifom ekwikhompyutha i-WCED 032 form kwi-CEMIS ukususela ngowe-01 ukuya kowe-10 Apreli 2024, zifunde i-Welcome note yaye zilandele iSikhokelo i-How-to guide esiya kufumaneka kwisistim.
5. Ifom i-WCED 032 form imele ukususelwa kwisixa-mali esisabelo sokugqibela esikwileta epapashwe kwisistim ye-CEMIS ngowe-31 Matshi 2024.
6. Apho kungekho kunxaxha kwiiipesenti zezabelo ekucetyiswa ngazo, isikolo kufuneka sikhethe u-"*No-deviation*" option, save/submit yaye silandele inkqubo yokusayinelwa kwesixa-mali.

7. Apho isikolo sithatha isigqibo sokunxaxha kwiipesenti zezabelo, njengoko kucetyiswayo kumhlathi 3.1 weSetyhula 0020/2023, isikolo kufuneka sibonakalise isigqibo saso yaye silandele inkqubo yokunxaxha. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ngokumalunga noku kunxaxha, kuyimfuno emiselweyo ukuba ifakwe kwi-CEMIS ikopi yesigqibo sebhunga lolawulo malunga nalo mba.
8. Kwakuba kugqitywe inkqubo yokunxaxha neyokusayinelwa, ikopi yefom ezaliswe ngokupheleleyo i-WCED 032 form, kufuneka iprintwe yaye isayinwe ngusihlalo webhunga lolawulo.
9. I-WCED 032 form kufuneka izaliswe yaye isayinelwe yinqununu kwi-CEMIS ungasentla kwe-10 Apreli 2024. Ukungaphumeleli ukungenisa ifom ngalo mhla umisiweyo, kuya kubangela ukuba isabelo se-N&S sohlulwe ngokweepesenti ezicetyiswe kumhlathi 3.1 wesetyhula ekhankanyiweyo.
10. Iya kuthakazelelwa intsebenziswano ngako konke okumalunga nalo mba ungasentla.
11. Kucelwa nazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2024-02-19